# IMBONISELO

EVAKALISA UBUKUMKANI BUKAYEHOVA



# Likuphathele Ntoni Ikamva?

# IZIQULATHO

## LIKUPHATHELE NTONI IKAMVA?


3 Abantu Baqikelela Ikamva

4 Abavumisi
—Ngaba Basikrobisa Kwixesha Elizayo?

6 Iziprofeto Eziye Zenzeka

8 Ubungqina Bokuba Isiprofeto Sasinyanisile

10 Izithembiso Eziza Kwenzeka

12 Ungakwazi Ukuphila Ungafi Apha Emhlabeni

14 Ikamva Lakho Lisezandleni Zakho!

16 "Abalulamileyo Baya Kuwudla Ilifa Umhlaba"


### LIKUPHATHELE NTONI IKAMVA?

Sele ukhe wayicinga na into yokuba liza kuba njani ikamva lakho nelentsapho yakho? IBhayibhile ithi:

**"Amalungisa aya kuwudla ilifa umhlaba, ahlale kuwo ngonaphakade."—INdumiso 37:29.**

Le *Mboniselo* iza kukunceda ukuba uyiqonde injongo uThixo awayenayo ngomhlaba nangabantu, nento omele uyenze ukuze uxhamle nawe.


IMBONISELO
EVAKALISA UBUKUMKANI BUKAYEHOVA

**Vol. 139, No. 6 2018 XHOSA**

**Inani Leziprintwayo Kwinkupho Nganye: 69 804 000**
**NGEELWIMI EZIYI-334**


LE MAGAZINI, *IMboniselo,* izukisa uYehova uThixo, uMlawuli wayo yonke indalo. Ithuthuzela abantu ngeendaba ezilungileyo zokuba kungekudala uBukumkani BukaThixo obusezulwini buza kuphelisa bonke ubungendawo buze benze lo mhlaba ube yiparadesi. Ifundisa abantu ukuze babe nokholo kuYesu Kristu, owafayo ukuze bafumane ubomi obungunaphakade, ngoku onguKumkani woBukumkani BukaThixo. Le magazini ipapashwe ukususela ngo-1879 yaye ayipolitiki. Ithetha izinto eziseBhayibhileni.


*The Watchtower* (ISSN 0043-1087) Issue 6 May/June 2018 is published by Watchtower Bible and Tract Society of New York, Inc.; L. Weaver, Jr., President; G. F. Simonis, Secretary-Treasurer; 1000 Red Mills Road, Wallkill, NY 12589-3299, and printed by Watch Tower Bible and Tract Society of South Africa NPC, 1 Robert Broom Drive East, Rangeview, Krugersdorp, 1739.


© 2018 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania. Printed in South Africa.



Jehovah's Witnesses
Private Bag X2067
Krugersdorp
1740


Ukuze ufumane iiadresi zamanye amazwe, yiya ku-www.jw.org/xh/fowuna-okanye-ubhale.


JW.ORG®

Ngaba ungathanda ukufunda okungakumbi okanye ukufundiswa iBhayibhile simahla? | Yiya ku-www.jw.org/xh | okanye uthumele isicelo sakho kule adresi ingasentla.


**Le magazini ayithengiswa. Ibhalelwe ukufundisa abantu iBhayibhile ehlabathini lonke ibe ixhaswa ngeminikelo.**
**Ukuba ufuna ukunikela, yiya ku-www.jw.org/xh.** Ngaphandle kokuba kuboniswe ngenye indlela, iZibhalo ezikule magazini zithathwe kwi*Nguqulelo Yehlabathi Elitsha YeZibhalo Ezingcwele.*

# Abantu Baqikelela Ikamva




Wakha wacinga ukuba ubomi bakho nobentsapho yakho buza kuba njani kwiminyaka ezayo? Ucinga ukuba niza kuba zizityebi okanye anizi kuba nanto? Niza kube nimanyene okanye umntu uza kuphila yedwa? Niza kuphila ixesha elide okanye niza kukhawuleza nisweleke? Kangangeminyaka abantu bebesoloko becinga ngemibuzo efana nale.

Namhlanje iingcali zijonga indlela ezenzeka ngayo izinto zize ziqikelele ikamva. Ezinye izinto eziziqikeleleyo ziye zenzeka kodwa ezinye khange ziqalise. Ngokomzekelo, ngo-1912, uGuglielmo Marconi, owenza irediyo yokuqala engenazintambo, wathi: "Xa iirediyo ezingenazintambo zixhaphakile, iimfazwe azizi kubakho." Umntu weNkampani yokurekhoda ebizwa ngokuba yi*Decca*, zange avume ukusebenza neqela lee*Beatles* ngo-1962 kuba wayesithi amaqela adlala isigingci ayeza kuyeka ukuthandwa.

Abaninzi baya kubantu abanamandla angaqhelekanga ukuze bazi ngento eza kwenzeka kwixesha elizayo. Abanye baya kubavumisi ngeenkwenkwezi. Kukho iimagazini namaphephandaba asoloko enendawo ebonisa into exelwa ziinkwenkwezi ngemihla yokuzalwa. Kanti abanye baya kubaxeli-thamsanqa okanye koosiyazi abathi bafunda ngento eza kwenzeka emntwini kumakhadi emilingo, kumanani okanye kwimigca yesandla.

Abantu bakudala ababefuna ukwazi into eza kwenzeka kwixesha elizayo, babesiya kubefundisi okanye kubefundisikazi ababeye bachaze into ababeyithatha kuthixo wabo. Ngokomzekelo, kuthiwa uKumkani uCroesus waseLydia wasa isipho esinexabiso elikhulu kumfundisi waseDelphi, eGrisi, kuba wayefuna ukwazi ngento eza kwenzeka xa elwe noKoreshi wasePersi. Lo mfundisi wathi uCroesus wayeza kuwoyisa umkhosi omkhulu kaKoreshi. Waya eqinisekile ukuba uza koyisa, kodwa yangumkhosi wakhe owoyiswayo.

Nakuba le nto yayithethwa ngulo mfundisi ingazange yenzeke kanye ngohlobo awathetha ngalo, kodwa wona umkhosi omkhulu, nokuba ngowaliphi icala wawuza koyiswa. UCroesus walahlekelwa yiyo yonke into awayenayo kuba waqhathwa. Ngaba ezanamhlanje iindlela zokuqikelela ikamva zithetha inyani?

# ABAVUMISI —NGABA BASIKROBISA KWIXESHA ELIZAYO?

## ABAVUMISI NGEENKWENKWEZI

Ukuvumisa ngeenkwenkwezi kusuka kwinkolelo yokuba iinkwenkwezi, inyanga neeplanethi zinefuthe kubomi babantu. Abavumisi ngeenkwenkwezi bathi uhlobo lomntu aza kuba lulo umntwana okanye indlela aza kuphila ngayo kwixesha elizayo ixhomekeke ekubeni uzelwe ziphi ezi zinto.

Ukuvumisa ngeenkwenkwezi kwaqala eBhabhiloni, ibe kusathandwa nanamhlanje. Kuhlolisiso olwenziwa eMerika ngo-2012, kubantu ababuzwayo, bangaphezu kwekota abathi ukuvumisa ngeenkwenkwezi "kusondele kwisayensi," ngoxa abayi-10 pesenti bathi "yisayensi uqobo." Babenyanisile? Hayi. Nazi izizathu.

- Iiplanethi neenkwenkwezi azinamandla ngendlela abatsho ngayo abavumisi ngeenkwenkwezi kubomi babantu.

- Izinto abathi ziza kwenzeka isoloko izizinto ezinokwenzeka nakubani na.

- Izinto abazithethayo zisekelwe kwinkolelo yakudala yokuba iiplanethi zijikeleza umhlaba. Kodwa inyaniso kuba, zonke iiplanethi zijikeleza ilanga.

- Abavumisi ngeenkwenkwezi abahlukeneyo bayakwazi ukuthetha izinto ezingafaniyo ngomntu omnye.

- Basebenzisa amaqela ayi-12 eenkwenkwezi amela iinyanga zonyaka. Baye bahlulahlule abantu ngokweenyanga abazelwe ngazo, baze babize inkwenkwezi nganye ngokweentsuku ezithile. Ngoku kuba umhlaba uye watshintsha indlela omi ngayo, abantu abasaboni esaa sibhakabhaka sasibonakala kudala, ngoko la maqela eenkwenkwezi awasabonakali kwezaa ndawo ayebonakala kuzo kudala.

Kuthiwa ezi nkwenkwezi zichaza ukuba umntu uza kuba njani. Kodwa xa sithetha inyani, abantu abafani kuba nje bezelwe ngomhla omnye, umhla umntu azelwe ngayo awunanto yakwenza nobuntu bakhe. Endaweni yokuba abavumisi ngeenkwenkwezi bajonge uhlobo umntu alulo nyhani, baye baqikelele ukuba uza kuba ngumntu onjani. Ayingomkhethe ke lowo?

## UKUXELA INTO EZA KWENZEKA

Kwakudala abantu babebuzisa kubantu abaxela izinto eziza kwenzeka. Abanye abantu abaphilisayo babejonga kwinyama yangaphakathi yezilwanyana neyabantu okanye kwindlela umqhagi owucholachola ngayo umbona. Abanye babejonga kumagqabi eti okanye kwintlenge yekofu. Namhlanje ikamva lomntu balifunda kumakhadi omlingo, kwiibhola zekristale, kumadayisi nakwezinye izinto. Ngaba simele sibathembe aba bantu? Hayi. Makhe sive ukuba kutheni singenakubathemba.

Abathethi nto inye. Nokuba bavumisa ngento efanayo, baye bathethe izinto ezingafaniyo. Ngokomzekelo, ukuba ubuza ababini kubo ngento eza kwenzeka kuwe, baze basebenzise ikhadi elinye, bamele bakuxelele into efanayo. Kodwa basoloko bethetha izinto ezahlukeneyo.

Ngoku abantu bayabathandabuza aba bavumisi. Abagxeki bathi amakhadi abawasebenzisayo zizinto njeekwaye endaweni yokujonga amakhadi, bamamela umntu, baze bamjonge ebusweni ngoxa ethetha, emva koko bamxelele into eza kwenzeka kuye. Ngokomzekelo, umvumisi olichule ubuza imibuzo aze abambe izinto ezithile eziza kumxelela ngaloo mntu, nkqu nakwizinto angazithethanga. Emva koko iba ngathi lo mvumisi uwazi kakuhle umsebenzi wakhe ngoxa eyive kwangalo mntu loo nto ayithethayo. Yiloo nto ebangela ukuba abanye abavumisi bafumane imali eninzi ebantwini.

### ITHINI YONA IBHAYIBHILE?

Ukuvumisa ngeenkwenkwezi nokuxela izinto eziza kwenzeka kubonisa ukuba ikamva lethu seligqityiwe. Ngaba kunjalo? IBhayibhile ithi siyazikhethela into esifuna ukuyikholelwa nokuyenza, nokuba into esiyikhethayo iba nefuthe kwikamva lethu.—Yoshuwa 24:15.

Esinye isizathu sokuba abakhonzi bakaThixo bangabakholelwa abavumisi ngeenkwenkwezi nabantu abaxela izinto eziza kwenzeka kukuba, uThixo akafuni naluphi na uhlobo lokuvumisa. IBhayibhile ithi: ‘Maze kungafunyanwa namnye kuwe ovumisayo, noqhelisela umlingo, nohlaba izihlabo nokhafulayo, nobopha ngoomabophe, nobuza konesholologu, noyinkunkqele ekuxeleni iziganeko kwangaphambili, nobuzisa kwabafileyo. Kuba uYehova* uyamcekisa wonke ubani ozenzayo ezi zinto.’ —Duteronomi 18:10-12.

* Eli ligama ‘lOyena Uphakamileyo phezu komhlaba wonke.’—INdumiso 83:18.

# Iziprofeto Eziye Zenzeka



Besikhe sathetha ngebali lakudala apho uCroesus waqhathwa ngumfundisi waseDelphi, nto leyo eyabangela ukuba oyiswe ngukumkani wasePersi. Kwelinye icala, iBhayibhile yaprofeta ngokumkani wasePersi, saza eso siprofeto senzeka kanye ngendlela eyaprofeta ngayo.

Malunga neminyaka eyi-200 ngaphambi kokuba lo kumkani azalwe, umprofeti ongumHebhere uIsaya wamchaza ngegama uKoreshi, waza wachaza nendlela aza kuyoyisa ngayo iBhabhiloni.

**UIsaya 44:24, 27, 28** uthi: "Utsho uYehova, . . . 'Lowo uthi emanzini anzongonzongo, "Yibani ngumphunga; nemilambo yakho yonke ndiya kuyomisa"; Lowo uthi kuKoreshi, "Ngumalusi wam, yaye konke oko ndiyoliswa kuko uya kukuphumeza ngokupheleleyo"; athi ngeYerusalem, "Iya kubuya yakhiwe," nangetempile, "Siya kubekwa isiseko sakho."'"

Ngokutsho kombhali-mbali ongumGrike uHerodotus, umkhosi kaKoreshi wawujika uMlambo Umefrati owawunqumla eBhabhiloni. Eli cebo likaKoreshi labangela ukuba umkhosi wakhe ukwazi ukungena ngaloo mlambo. Emva koko iBhabhiloni yaba phantsi koKoreshi, waza wakhulula amaYuda awayethinjwe apho wawabuyisela eYerusalem, eyayitshatyalaliswe kwiminyaka eyi-70 ngaphambi koko.

**UIsaya 45:1** uthi: "Utsho uYehova kothanjisiweyo wakhe, kuKoreshi, osandla sakhe sokunene ndisibambileyo, ukuze ndoyise iintlanga phambi kwakhe, khon' ukuze ndikhulule kwanemibhinqo ezinqeni zookumkani; ukuze ndivule phambi kwakhe iingcango ezivulwa ngambini, khon' ukuze namasango angavalwa."

AmaPersi angena ngeengcango ezinkulu ezivulwa ngambini ezazishiywe zingavalwanga. Ukuba amaBhabhiloni ayesazi ukuba uKoreshi uceba ukwenza ntoni, ayeza kuzivala zonke ezo ngcango. Kodwa ngoku, iBhabhiloni yayingasakhuselekanga.

Esi sesinye seziprofeto eziseBhayibhileni ezenzeka kanye ngendlela ezazixelwe ngayo.* Iziprofeto zeBhayibhile zahlukile kwizinto abantu abathi ziza kwenzeka, ngamany' amaxesha besithi zisuka koothixo babo bobuxoki, kuba zona zivela kuLowo uthi: "Lowo uxela ukuphela kwasekuqaleni, kwakudala izinto ebezingekenziwa."—Isaya 46:10.

* Funda inqaku elithi "Ubungqina Bokuba Isiprofeto Sasinyanisile."

NguThixo wenene, ogama linguYehova kuphela onokuthetha ngolo hlobo. Eli gama lithetha ukuba "Ubangela Kubekho." Libonisa ukuba uyazazi izinto eziza kwenzeka nokuba unamandla okuzenza ngendlela afuna ngayo. Lisenza siqiniseke ukuba uza kuzenza zonke izinto azithembisileyo.

## IZIPROFETO EZENZEKAYO

Ungathanda ukuva ukuba iBhayibhile yaprofeta yathi kuza kwenzeka ntoni kule mihla? Malunga neminyaka eyi-2 000 eyadlulayo, yaprofeta yathi "ngemihla yokugqibela kuya kufika amaxesha amanqam ekunzima ukujamelana nawo." Imihla yokugqibela yantoni? Asiyomihla yokugqibela yomhlaba okanye yabantu, kodwa yeyeengxabano, ingcinezelo neentlungu eziye zabaphatha kakubi abantu kangangeminyaka. Makhe sifunde ngeziprofeto ezimbalwa ezibonisa ukuba 'sikwimihla yokugqibela.'

**Eyesi-2 kuTimoti 3:1-5** ithi: "Ngemihla yokugqibela . . . , abantu baya kuba ngabazithandayo, abathandi bemali, abazidlayo, abanekratshi, abanyelisi, abangathobeli bazali, abangenambulelo, abanganyanisekanga, abangenawo umsa wemvelo, abangayifuni kwaphela imvisiswano, abanyelisi, abangenakuzeyisa, iindlobongela, abangathandi kulunga, abangcatshi, abaneentloko ezilukhuni, abakhukhumele likratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo, benembonakalo yozinikelo lobuthixo kodwa bengaphili ngokuvisisana nalo."

Abekho kuyo yonke indawo na namhlanje abantu abanje? Uyiqaphele indlela ababaninzi ngayo abantu abazithandayo, abathanda imali nabanekratshi? Uthini ngaba bangafuni kuxelelwa, abafuna kusoloko kuviwa ngabo? Siqinisekile ukuba uyayibona indlela abantwana abangabathobeli ngayo abazali, nokuba abantu bathanda iziyolo kakhulu kunokuthanda uThixo. Izinto ziya zisiba mbi kakhulu.

**UMateyu 24:6, 7** uthi: "Niza kuva ngeemfazwe neengxelo zeemfazwe. . . Uhlanga luya kuvukelana nohlanga nobukumkani buvukelane nobukumkani."

Kuqikelelwa ukuba bangaphezu kweemiliyoni eziyi-100 abantu abaye babulawa kwiimfazwe nakwimilo ukuqala ngo-1914, eli nani lilogqitha lee inani labantu abakwamanye amazwe. Khawucinge iinyembezi, usizi neentlungu ezibangelwe kukusweleka kwabantu abangaka. Ngaba abantu baye bayiqaphela le nto baza baziphelisa iimfazwe?

**UMateyu 24:7** uthi: "Kuya kubakho ukunqongophala kokutya."

IWorld Food Programme yathi: "Nakubeni ukutya okukhoyo kunganela wonke umntu, kubantu abayi-815 miliyoni, umntu omnye kwabalithoba ulala engatyanga yonke imihla. Okubi nangakumbi, umntu omnye kwabathathu akondlekanga." Kuqikelelwa ukuba qho ngonyaka kusweleka abantwana abazizigidi ezithathu ngenxa yendlala.

**ULuka 21:11** uthi: "Kuya kubakho iinyikima zomhlaba ezinkulu."

Qho ngonyaka kubakho iinyikima ezinkulu ezimalunga ne-50 000. Ziba malunga ne-100 ezimosha izakhiwo. Kwakhona, qho ngonyaka kubakho eyona nyikima inkulu ngaphezu kwazo zonke. Kuye kwaqikelelwa nokuba phakathi kuka-1975 no-2000 iinyikima zibulele abantu abayi-471 000.

**UMateyu 24:14** uthi: "Ezi ndaba zilungileyo zobukumkani ziya kushunyayelwa kuwo wonke umhlaba omiweyo kube bubungqina kuzo zonke iintlanga; kwandule ke kufike ukuphela."

AmaNgqina KaYehova angaphezu kwezigidi ezisibhozo, aye ashumayela iindaba ezilungileyo zoBukumkani BukaThixo kumazwe amalunga ne-240. Ashumayela iindaba ezilungileyo kuzo zonke iindawo, nakwezona ndawo zikude. Xa lo msebenzi wenziwe ngendlela uThixo afuna ngayo, isiprofeto sithi kuya 'kwandula ke kufike ukuphela.' Iza kuthetha ukuthini loo nto? Iza kuthetha ukuphela kokulawula kwabantu nokuqalisa kolawulo loBukumkani BukaThixo. Ziziphi izithembiso eziza kwenzeka kobo Bukumkani? Khawuzifundele.

# UBUNGQINA BOKUBA ISIPROFETO SASINYANISILE

KUMBINDI ROMA, EITALI, KUKHO ISAKHIWO ESITSALA IINDWENDWE EZIVELA KULO LONKE IHLABATHI. SASAKHELWE UKUKHUMBULA OMNYE WABALAWULI BASEROMA ABABETHANDWA—UTITUS.

**Ngo-33 C.E.**

UYesu Kristu wathi iYerusalem yayiza kujongana nobunzima

IArch of Titus inemifanekiso emikhulu emibini ekroliweyo ebonisa isiganeko esibalulekileyo embalini. Kodwa ke abantu abaninzi abazi ukuba kukho into edibanisa esi sakhiwo neBhayibhile—iArch of Titus ingqina ukuba isiprofeto seBhayibhile sasinyanisile.

## ISIXEKO ESASIZA KUTSHATYALALISWA

Kwiminyaka emalunga neyi-2 000 eyadlulayo, uBukhosi BaseRoma babuqala eBritani, buye eGaul (ngoku eyiFransi) buze bume ngeYiputa, ibe ezo ndawo zazingenaziphazamiso kwaye zinobutyebi. Kodwa kukho indawo eyayiyisokolisa kakhulu iRoma, iphondo elalingalawuleki lakwaYuda.

I*Encyclopedia of Ancient Rome* ithi: "Imbalwa imimandla eyayiphantsi kwamaRoma awayeyicaphukela njengelakwaYuda, ibe namaYuda ayewacaphukela kakhulu amaRoma. AmaYuda ayengafuni nokuwabona amaRoma kuba ayengenaxesha lezithethe zawo, namaRoma ayesithi kunzima ukuphila namaYuda kuba anenkani." AmaYuda amaninzi ayecinga ukuba kuza kubakho inkokeli yepolitiki eza kugxotha loo maRoma anezothe aze amaYuda aphinde aphile kamnandi. Kodwa ngo-33 C.E., uYesu Kristu wayibeka yacaca into yokuba iYerusalem yayiza kujongana nobunzima.

UYesu wathi: *"Kuya kuza phezu kwakho imihla yaxa iintshaba zakho ziya kwakha inqaba zikujikeleze ngezibonda ezibaziweyo yaye ziya kukurhawula zize zikubandezele macala onke, yaye ziya kukuntlala emhlabeni wena nabantwana bakho abangaphakathi kuwe, kwaye aziyi kushiya litye phezu kwelitye kuwe."*—Luka 19:43, 44.

Kubonakala ngathi abafundi bakaYesu babengawaqondi amazwi akhe. Emva kweentsuku ezimbini uYesu ethethe la mazwi, xa babejonge itempile, omnye wabo wathi: "Mfundisi, khangela! olunjani lona uhlobo lwamatye yaye olunjani lona uhlobo lwezakhiwo!" Yayintle nyhani kuba amanye amatye ekwakwakhiwe ngawo itempile ayeziimitha eziyi-11 ubude, eziyi-5 ububanzi, neziyi-3 ukuphakama. Kodwa uYesu wathi: *"Zona ke ezi zinto nizibonayo, kuya kufika imihla ekungayi kusala litye phezu kwelitye apha elingayi kudilizwa."*—Marko 13:1; Luka 21:6.

Waqhubeka wathi: *"Xa niyibona iYerusalem ingqongwe yimikhosi emise iintente, yazini ke ukuba kusondele ukuphanziswa kwayo. Mabandule abo bakwelakwaYuda basabele ezintabeni, nabo baphakathi kuyo mabemke, nabo bakwiindawo ezisemaphandleni mabangangeni kuyo."* (Luka 21:20, 21) Ngaba yenzeka loo nto?

## UKUTSHATYALALISWA KWESIXEKO

Nasemva kweminyaka eyi-33, amaYuda ayesakucaphukela ukulawulwa ngamaRoma. Ngo-66 C.E., uGessius Florus owayebekwe ngamaRoma ukuba aphathe imali kwaYuda, wahlutha imali eyayikubuncwane betempile engcwele. Le nto yawenza anomsindo amaYuda. Emva nje kwaloo nto, amajoni amaYuda aya eYerusalem, aza abulala onke amajoni amaRoma, emva koko athi elakwaYuda likhululekile kumaRoma.




**Ngo-66 C.E.**
UCestius Gallus kunye namajoni akhe, waya eYerusalem ukuze ayokuphelisa imvukelo

**Ngo-70 C.E.**
AmaRoma awayekhokelwa nguTitus athimba izinto aza atshisa isixeko netempile

**Ngo-71 C.E.**
UTitus wabuyela eRoma waza wamkelwa ngovuyo

**Ngo-81 C.E.**
UTitus wasweleka waza wakhelwa isakhiwo sokumkhumbula



IArch of Titus eRoma namhlanje

Emva kweenyanga ezintathu, uCestius Gallus kunye namajoni akhe angaphezu kwe-30 000, waya eYerusalem ukuze ayokuphelisa loo mvukelo. AmaRoma akhawuleza angena esixekweni aza adiliza udonga lwetempile. Ngesizathu esingaziwayo, arhoxa. Abavukeli abangamaYuda bavuya baza ngoko nangoko bawaleqa amaRoma. Kwathi kwakuba njalo, amaKristu athobela umyalelo kaYesu aza emka eYerusalem abalekela ezintabeni ngaphesheya koMlambo iYordan.—Mateyu 24:15, 16.

Kunyaka olandelayo, amaRoma aphinda aya kuhlasela elakwaYuda, ngoku ekhokelwa nguNjengele uVespasian nonyana wakhe uTitus. Emva nje kokuba uMlawuli waseRoma uNero eswelekile ngo-68 C.E., uVespasian wabuyela eRoma ukuze abe ngumlawuli, eshiya unyana wakhe uTitus namajoni ayi-60 000 ukuba agqibezele loo mlo.

NgoJuni 70 C.E., uTitus wayalela amajoni akhe ukuba agawule imithi eyayisendle kwelakwaYuda, aza ayilola, ayigxumeka erhangqa iYerusalem ngayo, esenza udonga oluziikhilomitha ezisixhenxe. Kwathi kufika uSeptemba, abe amaRoma sele erhwaphilize yonke into aza asitshisa isixeko netempile, akwashiyeka nelinye ilitye phezu kwelinye kanye njengokuba uYesu wayetshilo ngaphambidlana. (Luka 19:43, 44) Ngokutsho kolona qikelelo luphantsi, “baphakathi kwekota nesiqingatha semiliyoni abantu abatshabalalayo eYerusalem naselizweni.”

## UKOYISA KWAMAROMA

Ngo-71 C.E., uTitus wabuyela eItali waza wamkelwa ngovuyo ngabantu baseRoma. Bonke abantu beso sixeko babhiyoza, besenza owona mngcelele woloyiso mkhulu owakha wenziwa kwelo komkhulu.

Izihlwele zaziqala ukubona ubutyebi obungako obabubonisWa kwizitrato zaseRoma. Zazivuya njengoko zazibukele iinqanawa ezithinjiweyo, iinqwelo ezinkulu ezazibonisa okwakusenzeka emfazweni nezinto ezazithinjwe etempileni yaseYerusalem.

Ngo-79 C.E., uTitus waba ngumlawuli endaweni katata wakhe uVespasian. Kodwa emva kweminyaka emibini, uTitus wasweleka ngokungalindelekanga. UDomitian, umntakwabo, waba ngumlawuli waza wamakhela isakhiwo sokumkhumbula.

## ESO SAKHIWO SISEKHONA

Namhlanje iArch of Titus ibonwa ngabantu abaninzi abandwendwela iRoma nyaka ngamnye. Abanye bayibona njengommangaliso womsebenzi wezandla, abanye bayijonga njengento ebonisa amandla negunya lamaRoma kanti abanye bayijonga njengengcwaba leYerusalem netempile yayo.

Kodwa abantu abayifunda nyhani iBhayibhile, baqonda nenye into ebaluleke ngayo iArch of Titus. Ibubungqina bokuba isiprofeto seBhayibhile sinyanisile, sinokuthenjwa nokuba siphefumlelwe nguThixo.—2 Petros 1:19-21.



# Izithembiso Eziza Kwenzeka

Njengokuba uYesu wayetshilo, iindaba ezilungileyo zoBukumkani BukaThixo zishunyayelwa kuwo wonke umhlaba. (Mateyu 24:14) EBhayibhileni, kwincwadi kaDaniyeli sichazelwa ukuba obu Bukumkani ngurhulumente kaThixo. Isahluko sesibini sale ncwadi saprofeta ngookumkani abakhulu babantu, ukuqala kwabo baseBhabhiloni yakudala ukuza kutsho kwabanamhlanje. Xa yayichaza ngento eza kwenzeka, ivesi 44 ithi:

"UThixo wezulu uya kumisa ubukumkani obungenakuze bonakaliswe. Yaye obo bukumkani abuyi kudluliselwa kubo nabaphi na abanye abantu. Buya kuzityumza buziphelise zonke ezi zikumkani, buze bona bume ukusa kwixesha elingenammiselo."


Esi siprofeto nezinye eziseBhayibhileni zichaza ukuba uBukumkani BukaThixo buza kulawula endaweni yookumkani babantu kuze kungabikho ziphazamiso emhlabeni. Kuza kuba njani xa kulawula obu Bukumkani? Nazi ezinye izithembiso ezintle.



## AKUYI KUBAKHO MFAZWE

**INdumiso 46:9:** "[UThixo] uphelisa iimfazwe kuse esiphelweni somhlaba. Waphula isaphetha nomkhonto; iinqwelo uzitshisa emlilweni."


Ngelinjani ihlabathi ukuba bekungathathwa imali nobuchule obusetyenziswa ekwenzeni izixhobo eziyingozi kuze kwenziwe ngazo izinto ezinokunceda abantu? Eso sithembiso siza kwenzeka nyhani phantsi koBukumkani BukaThixo.



## UKUGULA KUZA KUPHELA

**Isaya 33:24:** "Akakho ummi wakhona oya kuthi: 'Ndiyagula.' "

Inoba kunganjani apha emhlabeni xa kungekho mntu unesifo sentliziyo, umhlaza, isifo seengcongconi nezinye? Ziza kube zingasekho izibhedlele namayeza. Bonke abantu emhlabeni baza kuba yimiqabaqaba.



## INDLALA IZA KUPHELA

**INdumiso 72:16:** "Kuya kubakho ukudla okuziinkozo okuninzi emhlabeni; encotsheni yeentaba kuya kubakho ukuphuphuma."

Umhlaba uza kuvelisa ukutya okuza kwanela wonke umntu. Akuzukubakho mntu olambileyo nongondlekanga.



## AKUYI KUBAKHO MNTU UQAQANJELWAYO, UKHATHAZEKILEYO NOSWELEKAYO

**ISityhilelo 21:4:** "[UThixo] uya kuzisula zonke iinyembezi emehlweni abo, kungabi sabakho kufa, kungabi sabakho kuzila nakukhala nantlungu kwakhona. Izinto zangaphambili zidlule."

Oko kuthetha ukuba siza kuphila kamnandi singafi apha emhlabeni! Yiloo nto esiyithenjiswa nguMdali wethu osithandayo uYehova uThixo.


## IZA KWENZEKA NAKANJANI

Ngaba yonke le nto ivakala ingathi yintsomi? Nakubeni abantu abaninzi bengakuthanda ukuphila ngale ndlela ichazwe eBhayibhileni, abanye ngenxa yezizathu ezahlukeneyo bathi kunzima ukuzibona bephila oko bengafi. Ayothusi ke loo nto kuba akekho umntu owakhe waphila ngolo hlobo.

Abantu bangamakhoboka esono nokufa kwaye kangangexesha elide bebesoloko besezintlungwini besehlelwa zizinto ezibuhlungu futhi bethwele ubunzima. Kangangokuba abantu abaninzi bade bayiqhela le ndlela yokuphila. Kodwa loo nto yahluke kakhulu kwinjongo awayenayo uMdali wethu, uYehova uThixo.

Ukuze asincede siqiniseke ngoko asithembise kona, uThixo wathi ngelizwi lakhe: “Aliyi kubuyela kum ngaphandle kwemiphumo, kodwa ngokuqinisekileyo liya kukwenza oko ndiyoliswa kuko, likuphumelelise ngokuqinisekileyo oko ndilithumele kona.”—Isaya 55:11.

IBhayibhile ithi uYehova nguThixo “ongenakuxoka.” (Tito 1:2) Ekubeni uThixo esithembise zonke ezi zinto zintle, sifanele sizibuze ukuba: Ngaba ingenzeka nyhani into yokuba abantu baphile bangafi apha emhlabeni? Singenza njani ukuze sibe khona xa zisenzeka izinto uThixo asithembise zona? Ukuba uyaqhubeka ufunda le magazini, uza kuzifumana iimpendulo zale mibuzo.



# Ungakwazi Ukuphila Ungafi Apha Emhlabeni



**ZIINDABA EZIMNANDI EZI!** UMdali wethu uthembisa ukusenza siphile ubomi obungenasiphelo, *apha emhlabeni.* Kodwa kunzima ukuyikholelwa le nto kubantu abaninzi. Badla ngokuthi: 'Wonke umntu ekugqibeleni uza kusweleka. Bunjalo ubomi, abanye bayasweleka, abanye bayazalwa.' Abanye bona bathi ungaphila ubomi obungenasiphelo, kodwa hayi apha emhlabeni. Bathi ungakwazi kuphela emva kokuba uswelekile waza wanyukela ezulwini. Uthini wena?

Ngaphambi kokuba uphendule, kutheni ungakhe uve iimpendulo zeBhayibhile zale mibuzo mithathu: Indlela umntu enziwe ngayo ibonisa ukuba wayedalelwe ukuba aphile ixesha elingakanani? Yayiyintoni injongo kaThixo xa wayedala umhlaba nabantu? Kwenzeka njani ukuba abantu bafe?

## UMNTU UDALWE NGENDLELA EYAHLUKILEYO

Kuzo zonke izinto eziphilayo ezidalwe nguThixo apha emhlabeni, umntu udalwe ngeyona ndlela yahlukileyo. Njani? IBhayibhile ibonisa ukuba ngabantu kuphela abadalwe "ngokomfanekiso" kaThixo. (Genesis 1:26, 27) Ithetha ukuthini loo nto? Ithetha ukuba abantu bafuze uThixo ngeempawu zabo, bayakwazi ukuthanda nokugweba ngendlela elungileyo.

Ukongezelela koko abantu bayakwazi ukucinga, ukuyibona into elungileyo nento embi, nokufuna ukusondela kuThixo. Yiloo nto kusiba mnandi xa sibona ubukhulu bendalo, nezinto ezimangalisayo ezinjengobugcisa, umculo nemibongo. Eyona nto ibaluleke ngaphezu kwazo zonke kukuba ngabantu bodwa abakwazi ukunqula uMdali. Ezi mpawu zenza abantu bahluke kakhulu kwezinye izinto eziphilayo emhlabeni.

Nanku ke umbuzo: Ngaba uThixo ngewayenike abantu ezi mpawu zintle kangaka, waphinda wabanika namandla okuziphucula, ukuba wayefuna baphile iminyaka embalwa? Inyaniso kukuba uThixo wanika abantu ezi mpawu nobuchule obahlukileyo ukuze baphile kamnandi apha emhlabeni, bengafi.

## YAYIYINJONGO KATHIXO KWASEKUQALENI

Abanye abantu bathi uThixo zange wanenjongo yokuba abantu baphile bengafi apha emhlabeni. Bathi umhlaba yindawo nje ekudlulwayo kuyo, kujongwe ukuba ngoobani abafanelekayo ukuya kuphila ngonaphakade noThixo ezulwini. Kodwa

ukuba ibiyinyani loo nto, ngaba ibingayi kuthetha ukuba uThixo ungunobangela wezinto ezimbi ezenzeka emhlabeni? Kaloku loo nto ayifani tu noThixo. IBhayibhile ithi xa imchaza: “Zonke iindlela zakhe zisesikweni. NguThixo wentembeko, tu ubugqwetha; lilungisa yaye uthe tye yena.”—Duteronomi 32:4.

IBhayibhile isixelela eyona njongo uThixo awayenayo kwasekuqaleni ngomhlaba ngala mazwi: “Wona ke amazulu, ngamazulu kaYehova, kodwa umhlaba uwunike oonyana babantu.” (INdumiso 115:16) Nyhani ke uThixo wenza umhlaba ukuba ube likhaya lethu elihle likanaphakade, wanazo zonke izinto esizidingayo ukuze siphile kamnandi, kwaye singafi.—Genesis 2:8, 9.

Icacile eBhayibhileni eyona njongo uThixo anayo ngabantu. Wayalela abantu bokuqala ukuba ‘bawuzalise umhlaba baze bawoyise, babe nobukhosi kuzo zonke izidalwa eziphilayo ezinambuzelayo emhlabeni.’ (Genesis 1:28) Kwakuyinyhweba nyhani kubo ukuhoya eli khaya labo nokwenza umhlaba wonke ube yiParadesi! Nyhani ke, elona themba wayenalo uAdam noEva nenzala yabo yayikukuphila bangafi apha emhlabeni, hayi ezulwini.

## KUTHENI SISIFA?

Kutheni ke sisifa? IBhayibhile ibonisa ukuba enye yeengelosi zikaThixo, eyathi kamva yabizwa ngokuba nguSathana uMtyholi, yazama ukumosha imisebenzi kaThixo e-Eden. Njani?

USathana wahenda abazali bethu bokuqala, uAdam noEva, ukuba bavukele uThixo kunye naye. Xa uSathana wathi uThixo wayebavimba ilungelo lokuzikhethela phakathi kokulungileyo nokubi, bamkholelwa baza bamshiya uThixo. Waba yintoni umphumo? Emva kwexesha baye bafa, kanye njengokuba uThixo wayetshilo. Babengasenalo ithemba lokuphila bangafi apha emhlabeni.—Genesis 2:17; 3:1-6; 5:5.

Ukungathobeli kuka-Adam noEva kusenefuthe nangoku kubo bonke abantu. ILizwi LikaThixo lithi: “Isono sangena ngamntu mnye [uAdam] ehlabathini nokufa ngaso isono, ngaloo ndlela ukufa kwasasazeka kubo bonke abantu.” (Roma 5:12) Sifa kuba sosulelwa ngesono ngabazali bethu bokuqala, hayi kuba uThixo ‘eneplani’ ayazi yedwa nesingenakuyiqonda thina.

## UNGAKWAZI UKUPHILA UNGAFI APHA EMHLABENI

Imvukelo yase-Eden ayizange iyinqande injongo uThixo awayenayo ngabantu nomhlaba. Uthando olugqibeleleyo nokukwazi kukaThixo ukugweba kakuhle zabangela ukuba eze nendlela yokusikhulula kwisono nokufa. Umpostile uPawulos wacacisa wathi: “Umvuzo isono esiwuhlawulayo kukufa, kodwa isipho uThixo asinikayo bubomi obungunaphakade ngoKristu Yesu iNkosi yethu.” (Roma 6:23) Ngothando, uThixo “wanikela ngoNyana wakhe okuphela kwamzeleyo [uYesu Kristu], ukuze wonk’ ubani obonisa ukholo kuye angatshabalali kodwa abe nobomi obungunaphakade.” (Yohane 3:16) Ngokuvuma kwakhe ukufela izono zethu, uYesu wabuyisa yonke into eyayilahlekile ngenxa ka-Adam.*

Kungekudala isithembiso sikaThixo somhlaba oyiparadesi siza kuzaliseka. Nawe ungalapho ukuba umamela amazwi kaYesu athi: “Ngenani ngesango elimxinwa; ngokuba ibanzi kwaye iphangalele indlela esa entshabalalweni, yaye baninzi abangena ngayo; kanti limxinwa isango kwaye imxinwa indlela esa ebomini, yaye bambalwa abayifumanayo.” (Mateyu 7:13, 14) Yonke le nto ixhomekeke kuwe. Uza kwenza ntoni ke?

* Ukuba ufuna inkcazelo engakumbi ngokufelwa kwezono zethu ngu-Yesu, jonga isifundo 27 sencwadi ethi *Phila Ubomi Obumnandi Ngonaphakade!* epapashwe ngamaNgqina KaYehova, ungayidawunlowuda mahala ku-www.jw.org/xh.

> “Wona ke amazulu, ngamazulu kaYehova, kodwa umhlaba uwunike oonyana babantu.”
> —INdumiso 115:16

# Ikamva Lakho Lisezandleni Zakho!



**NGABA IKHO INTO ONOKUYENZA UKUZE UTSHINTSHE IKAMVA LAKHO?** Abanye abantu bakholelwa ukuba ubomi abuxhomekekanga kubo, kunoko yagqitywa kudala into obuza kuba yiyo. Xa bengakwazi ukwenza izinto abafuna ukuzenza baye bancame ngelithi ibihleli ingazukwenzeka loo nto. Baye bathi: "Ndizamile, kodwa kuyacaca ukuba ibingeyoyam le nto."

Abanye bona bavele bancame xa bebona ngathi abanandlela yokuphila kweli hlabathi licinezelayo nelibaphatha kakubi abantu. Mhlawumbi bebezama ukuphucula ubomi babo—kodwa imfazwe, ulwaphulo-mthetho, iintlekele nokugula zayichitha yonke loo nto. Baye bazibuze bathi: 'Kutheni ndiziduba nje?'

Kuyinyaniso kona ukuba izinto ezenzekayo ebomini ziba nefuthe koko ubucebe ukukwenza. (INtshumayeli 9:11) Kodwa ke nguwe onokugqiba ngento yokuba uza kuphelela phi. IBhayibhile ibonisa ukuba ikamva lakho lixhomekeke kuwe. Khawuve ukuba ithini.

Xa amaSirayeli ayeza kungena kwiLizwe Lesithembiso, uMoses wathunywa nguYehova ukuba athi kuwo: "Ndibeke phambi kwakho ubomi nokufa, intsikelelo nesiqalekiso; nyula ke ubomi ukuze uphile, wena nenzala yakho, ngokuthi umthande uYehova uThixo wakho, uliphulaphule ilizwi lakhe, unamathele kuye."—**Duteronomi 30:15, 19, 20.**

Nyhani ke, uThixo wawakhulula amaSirayeli kubukhoboka baseYiputa, atsho anethemba lokuphila kamnandi ekhululekile kwiLizwe Lesithembiso. Kodwa ke kukho izinto ezazilindelekile kuwo. Ukuze afumane ezi ntsikelelo, kwakuza kufuneka 'anyule ubomi.' Njani? 'Ngokuthi amthande uThixo, aphulaphule ilizwi lakhe, kwaye anamathele kuye.'

Nawe ke, kufuneka ukhethe ukuba ikamva lakho liza kuba yintoni na. Ukuba ukhetha ukumthanda uThixo, ukuphulaphula ilizwi lakhe, nokunamathela kuye, uza kube ukhetha ukuphila ubomi obungenasiphelo apha emhlabeni. Ziintoni ke omele uzenze?

## KHETHA UKUMTHANDA UTHIXO

Uthando yeyona nto ibalaseleyo kuThixo. Umpostile uYohane waphefumlelwa ukuba abhale athi: "UThixo uluthando." (1 Yohane 4:8) Yiloo nto uYesu, xa wayebuzwa ukuba nguwuphi owona mthetho mkhulu, wathi: "Uze umthande uYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela nangomphefumlo wakho uphela nangengqondo yakho iphela." (Mateyu 22:37) Umntu akasondeli kuThixo kuba emoyika okanye eqhathiwe, kodwa usondela kuye kuba emthanda. Kodwa ke kutheni sifanele sikhethe ukumthanda?

Indlela uYehova abathanda ngayo abantu singayifanisa nendlela abazali ababathanda ngayo abantwana babo. Nakuba abazali benazo iimpazamo, bayabafundisa, babakhuthaze, babaxhase, baze babaqeqeshe abantwana babo kuba befuna bonwabe kwaye baphumelele. Yintoni ke abazali abaye bayilindele kubantwana babo? Balindele ukuba nabo babathande kwaye bazenze izinto ababaxelele zona. Akukho nto imbi ke naxa uBawo wethu osezulwini elindele ukuba simbulele ngezinto asenzele zona.



> “Ndibeke phambi kwakho ubomi nokufa, intsikelelo nesiqalekiso; nyula ke ubomi ukuze uphile.”
>
> —Duteronomi 30:19

## LIPHULAPHULE ILIZWI LAKHE

Kulwimi eyabhalwa ngalo iBhayibhile, igama elithi “phulaphula” lithetha ukuthi “thobela.” Asiyiyo na le into esiyitshoyo xa sisithi emntwaneni, “Phulaphula abazali bakho”? Ngoko, ukuphulaphula ilizwi likaThixo kuthetha ukulifunda, nokwenza loo nto liyitshoyo. Ekubeni singakwazi ukuliva ngeendlebe ilizwi likaThixo, simphulaphula ngokufunda iBhayibhile size senze oko sikufunde kuyo.—1 Yohane 5:3.

Ukuze uYesu abonise indlela ekubaluleke ngayo ukumamela ilizwi likaThixo, wakha wathi: “Akaphili ngasonka sodwa umntu, uphila ngamazwi onke aphuma emlonyeni kaYehova.” (Mateyu 4:4) Ukufunda ngoThixo kubaluleke njengokutya ukutya okunesondlo, kude kwanochatha. Ngoba? UKumkani uSolomon owayesisilumko wathi: “Ubulumko buyakhusela njengokuba nemali ikhusela; kodwa ingenelo yolwazi kukuba ubulumko bubagcina bephila abo banabo.” (INtshumayeli 7:12) Ubulumko nolwazi esilufumana kuThixo zingasikhusela nanamhlanje zize zisincede senze izigqibo zobulumko eziza kusenza siphile ubomi obungenasiphelo.

## NAMATHELA KUYE

Usawukhumbula umzekeliso owenziwa nguYesu esithethe ngawo kwinqaku elingaphambi kweli othi, “limxinwa isango kwaye imxinwa indlela esa ebomini, yaye bambalwa abayifumanayo”? (Mateyu 7:13, 14) Siza kuncedakala xa sihamba ngale ndlela, kuba siza kube sihamba nomntu oyazi kakuhle, sitsho siyokufika apho siya khona, kubomi obungenasiphelo. Ngoko sinaso isizathu esivakalayo sokunamathela kuThixo. (INdumiso 16:8) Kodwa ke singanamathela njani?

Suku ngalunye kubakho izinto ekufuneka sizenzile, nezinye ezininzi ebesingathanda ukuzenza. Ezo zinto zingasigcina sixakekile kangangokuba singabi naxesha lokucinga ngezinto uThixo afuna sizenze. Yiloo nto iBhayibhile isikhumbuza isithi: “Hlalani nikuphaphele ngokungqongqo ukuba indlela enihamba ngayo ingabi njengeyabantu abangezozilumko kodwa ibe njengeyezilumko, nizongele ixesha, ngenxa yokuba imihla ingendawo.” (Efese 5:15, 16) Ukuba sifuna ukusondela kuThixo, ubuhlobo bethu naye kufuneka bube yeyona nto ibalulekileyo ebomini bethu.—Mateyu 6:33.

## ZIKHETHELE

Nakuba ungenakuzitshintsha izinto ezidlulileyo, ungakwazi ukukhetha ukuba wena nezihlobo zakho nibe nekamva elihle. IBhayibhile isixelela ukuba uBawo wethu osezulwini, uYehova uThixo, usithanda nyhani kwaye ufuna siyazi into ayilindeleyo kuthi. Khawuve ukuba uthini umprofeti uMika:

> “Ukuxelele, mntundini wasemhlabeni, okulungileyo. Kwaye yintoni ayibizayo kuwe uYehova ngaphandle kokuqhelisela okusesikweni nokuthanda ububele nokuthozama ekuhambeni noThixo wakho?” —Mika 6:8.

UYehova uyakucela ukuba uhambe naye ukuze ufumane iintsikelelo zikanaphakade. Uthini ke? Zikhethele!

# “ABALULAMILEYO BAYA KUWUDLA ILIFA UMHLABA”

Abaninzi kuthi baye babona abantu begwetywa bengenzanga nto, nabantu abalungileyo nabamsulwa becinezelwa ngabantu abenza izinto ezimbi. Ngaba ziya kuze ziphele ezi zinto?

**INdumiso 37** eseBhayibhileni iyasiphendula, kwaye isibonisa nento esimele siyenze ngoku. Khawuve ukuba ithini kule mibuzo ilandelayo.

- **Sifanele sibenze ntoni abantu xa besicinezela?**—Ivesi 1, 2.
- **Yintoni eza kwenzeka kubantu abenza izinto ezimbi?**—Ivesi 10.
- **Liyintoni ikamva labantu abenza izinto ezilungileyo?**—Ivesi 11, 29.
- **Simele senze ntoni ke ngoku?**—Ivesi 34.

Amazwi aphefumlelweyo eNdumiso 37 asibonisa ikamva eliqaqambileyo labo ‘bathembela ngoYehova baze bagcine indlela yakhe.’ AmaNgqina KaYehova angakuvuyela ukukunceda ufunde iBhayibhile uze ubone indlela onokuqiniseka ngayo ukuba wena nentsapho yakho niba nekamva elihle.






**NDICELA NINDITHUMELELE INCWADI ETHI**
***Phila Ubomi Obumnandi Ngonaphakade!***

Ukuze ufunde okungakumbi ngento uThixo ayithembisayo ngexesha elizayo, qalisa ukufunda iBhayibhile ngale ncwadana epapashwe ngamaNgqina kaYehova. Iyafumaneka naku-**www.jw.org/xh**

ULWIMI ____________________

IGAMA ____________________

IADRESI ____________________

____________________

**Thumela kwiadresi ekwiphepha 2.** Ndiyavuma ukuba amaNgqina kaYehova angayisebenzisa yonke into endiyibhale apha ngam, ngokuvumelana nePrivacy Policy eku-jw.org/xh, ukuze ndifumane zonke izinto endizicelileyo.

JW.ORG ®

Khuphela le magazini nezeenyanga ezidlulileyo simahla

IBhayibhile iyafumaneka kwi-intanethi ngeelwimi ezingaphezu kwe-150

Yiya ku-**www.jw.org/xh,** okanye uskene le khowudi

wp18.2-XO
220929